URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Mark van der Vendt**
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Mark.VanderVendt@westerncape.gov.za |021 467 2509

Inombolo yefayili.: 3/3/2/4/12
Isalathiso: 20240111-746

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso yeKharityhulam kwiZithili, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu nakubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente

**Isihloko: Ukubaluleka kokuba ootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente benze isicelo semvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*remunerative work outside the public service*).**

1. Isiqendu 33 soMthetho wezeNgqesho yooTitshala, ka-1998 (uMthetho 76 ka-1998), isiqendu 30(b) soMthetho weNkonzo kaRhulumente, ka-1994, (ISibhengezo 103 sika-1994) njengoko sifakelwe izilungiso nesiqendu 13(c) seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente (*Public Service Regulations) (PSR)*, ka-2016, ezipapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 40167 ye-29 Julayi 2016, zazisa bonke abaqeshwa ngembopheleleko yabo yokwenza isicelo semvume esuka kwiNtloko yeSebe (*HoD*) ukuba banqwenela ukwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*RWOPS*).

2. Abaqeshwa abangekayifuni nangoku imvume yokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS*, kwakunye nabo banenjongo yokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS*, mabangenise ngokukhawuleza izicelo zabo zokwenza umsebenzi ololu hlobo kule dilesi ilandelayo:
   *Head: Education*
   *For attention: Director: Strategic People Management*
   *Western Cape Education Department*
   *Private Bag X9114*
   *CAPE TOWN*
   *8000*

   OKANYE

   Ithunyelwe nge-imeyili apha:RWOPS.Applications@westerncape.gov.za

3. Izicelo zivunywa ngonyaka-mali ngamnye (nge-01 Apreli ukuya kwi-31 Matshi yonyaka olandelayo) yaye ke ngoko abaqeshwa mabafake izicelo kwangaphambili qho ngonyaka.

4. Umqeshwa akavumelekanga ukuba angenza umsebenzi oyi-*RWOPS* ngaphandle kokuba aqale afumane imvume kumqeshi. Ngoko ke, makufunyanwe imvume kwangethuba phambi kokuba kwenziwe umsebenzi oyi-*RWOPS*.

5. Abaqeshwa (ngaphandle kwabaqeshwa abenza umsebenzi omiselwe ithuba elithile) (*excluding sessional employees*) abachazileyo kwingxelo yokuthembeka kwengcaciso yabo ukuba benza omnye umsebenzi ngaphandle kwabawuqeshelweyo okanye ulilungu lenkampani/lenkampani yabucala(*closed corporation*) yaye akafumani mvuzo, sibonelelo okanye mbuyiselo ngokudibaniselene nokwenza omnye umsebenzi ngaphandle kwenkonzo karhulumente nabo mabazalise isicelo esenzelwe umsebenzi oyi-*RWOPS*.

6. Abaqeshwa abaneenkcukacha zabo zobuqu ezikwinkampani yabucala kwi-*Companies and Intellectual Property Commission's Register* nabangasathathi nxaxheba kumsebenzi oyi-*RWOPS*, bayacelwa baqinisekise ukuba amagama abo akhutshiwe kwirejista ngokufanelekileyo.

7. Abaqeshwa abanyanzelekileyo ukuchaza uchaphazeleko lwezemali lwabo nababefake isicelo semvume yokuqhuba umsebenzi oyi- *RWOPS* mabaqinisekise ukuba bagcina irekhodi yeleta ebanika imvume yokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS* khon' ukuze bafake ekhompyutheni (*upload*) ileta leyo kwisistim yekhompyutha eyi-*eDisclosure System*.

8. Abaqeshwa abanikwa intlawulo eyongezelelweyo liSebe leMfundo leNtshona Koloni enxulumene, phakathi kwezinye izinto, nabamakishi beemviwo zematriki, abaqeqeshi/abaququzeleli kunye nootitshala abenza imisebenzi yokusuphavayiza ezihostele, akukho mfuneko yokuba benze isicelo sokwenza umsebenzi oyi-*RWOPS* njengoko iintlawulo ezongezelelweyo zigunyaziswa ngokwemigqaliselo yowiso-mthetho esebenzayo.

9. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abaqeshwa abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE**: NGU-LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZESEBE**
**UMHLA:** 2024-01-23